

ISIGABA ESISISISEKO IZAKHONO ZOBOMI

UKUZIPHATHA NENTLALO ISICWANGCISO SESIFUNDO IBANGA 3	
IKOTA 4	IVeki 3
Umxholo:	lindlekele: Oko simele sikwenze
Injongo/ Aim:	<ul style="list-style-type: none"> • Ukuchaza imizekelo yentlekele zendalo. • Ukuchonga iintlekele ezahlukeneyo. • Chaza ubungozi beentlekele ezahlukeneyo
Unxukumaniso	<ul style="list-style-type: none"> • ULwimi lwaseKhaya - Ukufunda - Ukubhala - Izandi - Upelo
Isifundo: Izixhobo zokufunda nokufundisa (LTSM):	<ul style="list-style-type: none"> • Umzekelo wentaba – mlilo iqhusumba • Oonotsheluzi – libhokisi zepapa • Imifanekiso yeentlobo ezahlukeneyo zeentlekele • Iincwadi zokusebenzela zeDBE Iphepha 42 - 51
Izixhobo:	<ul style="list-style-type: none"> • Eportal URL for Life Skills resource file • Video URLs <p>📌 lindlekele zendalo zabantwana linyikima, lintaba mlilo kunye neeNtsunami Amabanga 3-5 Inzululwazi (Natural Disasters for Kids Earthquakes, Volcanoes & Tsunamis Grades 3-5 Science)</p> <p>https://youtu.be/EobNZUK6EfQ</p> <p>📌 linyani zentlekele yendalo yabantwana (Natural Disaster Facts for kids)</p> <p>https://youtu.be/RgNUTbKBAB8</p> <p>📌 linyani zeNtsunami zabantwana! (Tsunami Facts for Kids!)</p> <p>https://youtu.be/64FxBqv0n2o</p>
Intshayelelo:	<ul style="list-style-type: none"> 📌 Utitshala ucacisela abafundi ukuba yintoni intlekele yendalo. <ul style="list-style-type: none"> ○ Intlekele yendalo ibangelwa ziinkqubo zendalo zomhlaba. Imizekelo ibandakanya izikhukula, iinkanyamba, izaqhwathi, ukuqhushumba kwentaba mlilo, iinyikima kunye neeTsunami. Intlekele yendalo ibangela ukulahleka kobomi okanya umonakalo wezinto kwaye ishiye umonakalo omkhulu emva koko. 📌 Abafundi babukela ezi vidiyo zilandelayo: <ul style="list-style-type: none"> ○ Intlekele yendalo yabantwana linyikima, lintaba mlilo kunye neeTsunami Amabanga 3-5 Inzulwazi https://youtu.be/EobNZUK6EfQ ○ linyani zeNtlekele yendalo yabantwana

(Natural Disaster Facts for kids)

<https://youtu.be/RgNUtbKBAB8>

- o linyani ngeTsunami yabantwana!

(Tsunami Facts for Kids!)

<https://youtu.be/64FxBgv0n2o>

**Isifundo: Umxholo /
lingcamango /
Izakhono CAPS**

Okuzakufundiswa
(Isikhokelo/inkxaso...)



IINTLEKELE: Oko simele sikwenze

IINTLOBO ZEENTLEKELE:

INYANISO: Iintlekele eMzantsi Afrika

- Izikhukula
- Imililo yasendle
- Imingxuma etshonisayo
- Imbalela
- Iinyikima

Kule minyaka idlulileyo, iNtshona Koloni iye yantlithwa liqela leentlekele zendalo ezibandakanya:

- Izikhukula zowe 1981 zaseLaingsburg
- Imililo eKapa ngowe 2015
- Imililo eKnysna ngowe 2017

Utishala ubuza abafundi imibuzo:

- o Loluphi uhlobo lomonakalo olunokwenzeka kwimeko nganye? (Utishala ubhekisa kwiividiyo ezibukelwe ngabafundi)
- o Ingaba wakha waba kwintlekele yendalo?
- o Ingaba ukhona na umntu omaziyo owakha waba kwintlekele yendalo?
- o Zeziphi iintlekele zendalo ezenzeka kwilizwe lethu?

Ingxoxo ngezi ntlekelekele zilandelayo:

- o **IZIKHUKULA:**

Izikhukula zinokwenzeka njengokugcwala kwamanzi kwimizimba/kwimithombo yamanzi, enjengo mlambo, ichibi, okanye ulwandle, Apho amanzi agqithisayo akhokelela ekubeni amanye amanzi abaleke asuke kwimida yawo yesiqhelo. Inokwenzeka ngenxa yokufumba kwamanzi emvula kumhlaba ogcweleyo kuloo ndawo. Oku kunokwenzeka emva kweemvula ezinkulu.

- o **UMLILO: OONOBANGELA**

1. Izixhobo zokupheka

limbiza kunye namapani anganobushushu obugqithisileyo aze abangele umlilo lula ukuba umntu ophekayo uyaphazamiseka ashiye okuphekiweyo kungajongwanga.



2. Ukufudumeza

Gcina izifudumezi eziphathekayo zikumgama ongange mitha enye kude kwinto enokuthi ibambe umlilo lula, ezinje nge fenitshala, iikhetheni, iimpahla ezizakuhlunjwa, iimpahla kunye nakuwe ngokunjalo.

3. Ukutshayela emagumbini okulala

Amagumbi okulala yeyona ndawo ukufunelwe kutshayelwe kude kuwo. Umdiza wecuba ongacinywanga ngokupheleleyo ungabangele idangatye, njengokuba ilahle lingahlala lihleli kangenge yure ezimbalwa.

4. Izixhobo zombane

	<p>Isixhobo/into yombane, enje nge towsta singawu qala umlilo ukuba inengxaki okanye intambo ekrazukileyo. Indawo yombane egcwele iiplagi ezongezelelweyo inokubangela umlilo ngokusetyenziswa gwenxa kombane. Indawo yombane enentabo etsaliweyo ingaba yingozi yomlilo ukuba ingasetyenziswa ngokungafanelekileyo.</p> <p>5. Amakhandlela Amakhandlela ayakhangeleka kwaye anuka kamnandi, kodwa ukuba ashiywe engajongwanga angabangela ukuba igumbi kube lula ukuba lilephuze amadangatye. Gcina amakhandlela kude kwinto ekungalula ukuba itshe msinyane njenge ncwadi kunye neebhokisi zezicubu/thishu.</p> <p>6. Abantwana abafuna ukwazi Abantwana banokubangela umlilo ngenxa yokufuna ukwazi, ukubona ukuba kungenzeka ntoni ukuba bangatshisa into ethile. Gcina umatshisi okanye isiqala mlilo kude kwindawo abanokufikelela kuyo abantwana.</p> <p>7. Iingcingo ezingalunganga Amakhaya aneentambo ezingafakwanga ngendlela eyiyo zingabanga umlilo osuka kumlilo wombane.</p> <p>8. Ukosa inyama/iibrayi Ukosiwa kwenyama kuhle kakhulu kwizidlo zangaphandle, kodwa kufuneka zenzelwe kude kunamakhaya, amalaphu etafile okanye nasiphina isityalo kunye namasebe emithi.</p> <p>9. Izinto ezingamanzi ezinokuvutha Ukuba unento nayiphi engamanzi enokuvutha ekhayeni okanye egaraji ezinje nge petroli okanye isipirithi, zigcine zikude kwindawo yomlilo uze ujonge umbhalo phambi kokuba uyigcine.</p> <p>10. Umbane Iziqubuthelo zezibane kunye nokufakelwa kwezibane kungenza ubushushu obugqithisileyo ukuba zikufutshane kwiiglowubhu ezikhanyisayo.</p> <p> Iprojekthi inokwenziwa ngesihloko “Imbalela” Abafundi bangahlulwa babe ngaqela</p> <ul style="list-style-type: none"> • Nika isikhokelo esicacileyo ukuba yintoni ekufuneka yenziwe • Sebenzisa iRubriki – inikwe abafundi • Inkcazo – ntetho yomlomo
<p>Ulwazi lomZali:</p> 	<ul style="list-style-type: none"> • Abazali kufuneka bancedise abafundi ukugugulisha: lintlobo zeentlekele, iimpuphuma kunye nomlilo. • Banoku printa imifanekiso. • Sika lemifanekiso ilandelayo kwiimagazini ezindala: <ul style="list-style-type: none"> ○ Iimpuphuma nomlilo
<p>Umisebenzi yabafundi:</p> <p>Gxininisa Phinda ufundise ze uhlaziye/bonisa/yenza /nxibelelana</p>	<ol style="list-style-type: none"> 1. Iphepha lokusebenzela: Iimpuphuma ukukhangela amagama. 2. Isicatshulwa malunga nezikhukula 3. Iphepha lokusebenzela: Unobangela wempuphuma



4. Umfanekiso malunga nomlilo: Abafundi kufuneka babhale izivakalisi malunga nomfanekiso.
5. Inkcazo ntetho yomlomo:
Inkcazo ntetho kwi tshathi (Ibhokisi yekhelogsi/yepapa)
6. Isigama – ukuqwalaselwa nokusetyenziswa kwezivakalisi
7. Izakhono zesichazi magama – Cwancisa ngolandelelwano lwe alfabethi, iintsingiselo zamagama
8. Bhala ibali
9. Yenza incwadi

Uvavanyo:

Lemisebenzi ilandelayo ingasetyenziswa kuvavanyo olungekho sesikweni ngexesha lezifundo emva kwamathuba amaninzi: Sebenzisa isixhobo sovavanyo olungekho sesikweni:

- Iimpuphuma: Ukukhangelwa kwamagama

Oluvavanyo lusesikweni lulandelayo lungasetyenziselwa ukuhlola kusetyenziswa iRubriki:

- Oonobangela bemililo.
- Oonobangela beempuphuma.

Rubriki: Oonobangela beempuphuma

Khrayitheriya	Inkxaso iyafuneka	Uzamile noko	Uzamile kakhulu
Umfundi akayichonganga yonke imifanekiso.			
Umfundi uchonge uninzi lwemifanekiso.			
Umfundi uchonge yonke imifanekiso.			

Umxholo: Intlekele - Umlilo

Uvavanyo: Xoxa ngoonobangela aba 5 bomlilo.

Ikhayitheriya 5 amanqaku	Imiyalelo ilandelwe Intetho-ngxelo eyiyo Thetha ngokuzithemba kwaye usebenzise izixhaso, imifanekiso njl-njl. Ubunyani 5 amankqaku	Inkcazo eyanelisayo – Ulwazi oluninzi luyafuneka Uyakwazi ukunxibelelana esebenzisa imifanekiso 3 amanqaku	Udinga inkxaso Khange alandele imiyalelo Akanako ukuzithemba akakwazi kunxibelelana esebenzisa imifanekiso 1 inqaku
Ulwazi olufanelekileyo			
Ucoceko			
Inkcazo ntetho yomlomo			